



**EXAMINATIONS AND ASSESSMENT CHIEF DIRECTORATE**

Home of Examinations and Assessment, Zone 6, Zwelitsha, 5600

REPUBLIC OF SOUTH AFRICA, Website: [www.ecdoe.gov.za](http://www.ecdoe.gov.za)

**2022 NSC CHIEF MARKER'S REPORT**

<b>SUBJECT</b>	<b>ISIXHOSA H.L</b>		
<b>QUESTION PAPER</b>	<b>1</b>	<b>2</b>	<b>3 X</b>
<b>DURATION OF QUESTION PAPER</b>	<b>3 IYURE</b>		
<b>PROVINCE</b>	<b>EASTERN CAPE</b>		
<b>DATES OF MARKING</b>	<b>8 – 22 DECEMBER 2022</b>		

**SECTION 1: (General overview of Learner Performance in the question paper as a whole)**

<ul style="list-style-type: none"> <li>Abaviwa baqhube kakuhle xa sibathelekisa neminye iminyako. Babhalile kakhulu imithamo yemisebenzi yabo ithe xhaxhe kumacandelo omabini.</li> </ul>
<ul style="list-style-type: none"> <li>Kucandelo A izincoko eiye zathandwa ngabafundi ngumbuzo 1.1., 1.2,1.3 kunye no1.7. Baphendule kakuhle kakhulu bafumana amanqaku aphakathi kwamagqabi nokugqwesa. Uninzi lwabo lunamathele kumxholo batsho bafumana amanqaku aphezulu.</li> </ul>
<ul style="list-style-type: none"> <li>Imibuzo engaphendulwanga ngabafundi kweli candela ngumbuzo 1.4, 1.5 kunye no 1.8 bambalwa kakhulu abafundi abayiphenduleyo.</li> </ul>
<ul style="list-style-type: none"> <li>Abafundi ababhala ngesiNgesi nabakhuphela izihloko xa bebhala bebebambalwa xa sibathelekisa neminye iminyaka. Abo bafundi banjalo bafumana amanqaku akwinqanaba leku 1 nele-2.</li> </ul>
<ul style="list-style-type: none"> <li>Kwicandelo B isekhona ingxaki abafundi abazazi iimpawu zemihlathi kwaye baphuma ecaleni kwimixholo abayinikiweyo. Loo nto ibenza baphulukane namanqaku amaninzi. Kunjalo bakhona abenza kakuhle kakhulu.</li> </ul>

## SECTION 2: Comment on candidates' performance in individual questions

<b>QUESTION 1</b>
(a) General comment on the performance of learners in the specific question. Was the question well answered or poorly answered?
1.1 Obabulapho ubumnandi kanti,,,,liphupha
<ul style="list-style-type: none"><li>Abaviwa abaninzi bawukhethile lo mbuzo kwaye uninzi lwabo bawuphendule kakuhle kakhulu. Baye bafumana amanqaku akuma-40 ukuya kumanqaku angama-50. Abanye kubo bebephupha bevakalisa ubomi abanqwenela ukubphila, abanye bebonisa ngobumnandi obenzekayo kanti lonke elo xesha bayaphupha.</li></ul>
<ul style="list-style-type: none"><li>Babuzobile ubumnandi babonakalisa imvakalelo yokudana /yokubabuhlungu bakuvuswa kwiphupha elo.</li></ul>
<ul style="list-style-type: none"><li>Esi sihloko besifuna babhale ngobumnandi obenzekayo kubomi babo kanti bayaphupha.</li></ul>
<ul style="list-style-type: none"><li>Ikhona imbinana ethe ayaqhuba kakuhle kulo mbuzo kuba bebengabuphuhlisi ubumnandi bephupha.</li></ul>
1.2. Mhle ngaphakathi nangaphandle lomntu
<ul style="list-style-type: none"><li>Sesinye sezihloko esithandiweyo kakhulu ngabafundi. Abafundi baye bazifumanele amanqaku angaphezu kwama- 39 ukuya kuma-49.</li></ul>
<ul style="list-style-type: none"><li>Abaviwa bakwazile ukuphuhlisa impawu zangaphakathi nangaphandle ezibonisa umntu abathetha ngaye.</li></ul>
<ul style="list-style-type: none"><li>Ikho imbinana esuke yahamba necala elinye bathethe ngobuhle bangaphakathi bangathethi ngobangaphandle njengoko bekulindelekile.</li></ul>
<b>1.3. Ubuhlobo benene bufuna kuqale wena ube ngumhlobo</b>
<ul style="list-style-type: none"><li>Esi sesinye sezincoko esithandiweyo ngabafundi baye bazifumanele amanqaku aphakathi kwamagqabi nokugqwesa.</li></ul>
<ul style="list-style-type: none"><li>Abaviwa abaninzi bazibonakalisile iimpawu kubo kuqala bebokalisa isandla sihlamba esinye. Ikho imbinana engaphendulanga kakuhle ngokusuka bangakubonakalisi obo buhlobo kubo kuqala basuku bathethe ngomnye umntu.</li></ul>
<ul style="list-style-type: none"><li>Apha kwesi sincoko bekulindeleke ukuba baveze iimpawo zomntu ongumhlobo wenene kodwa ezibonakalisa kuye kuqala angagxili ngokuthetha ngezi mpawu komnye umntu.</li></ul>

#### 1.4. Alitshoni lingaphumi

- Bambalwa abafundi abasikhethileyo esi sihloko kodwa abo bathe basikhetha bayiphuhlile intsingiselo yesaci. Babubokalisile ubunzima ababufumeneyo ilanga litshonile /okanye iingxaki abadibene nazo baphinda babonakalisa iingxaki zisonjululwa / ilanga liphuma xa zisonjululwa. Oku kubangele bafumane amanqaku angama-36 ukuya kwangama- 45.

#### 1.5. Ixesha ngumaph'esehlutha

- Bambalwa kakhulu abafundi abasikhethileyo esi sihloko. Baye bazifumanela amanqaku aphakathi kwama-36 ukuya kwangama-40.
- Bekulindeleke abaviwa bavelise umntu eqala ngokuba nezinto suka zibhange/ abonakalise izinto zimhambela kakuhle suka ziphele asokole okanye ingangumntu obelulutho ebomini bakhe suke asuswe kuye mhlawumbi ngokufa.

#### 1.6. Umililo yinzuzo okanye uyilahleko

- Bambalwa kakhulu abaviwa abathe basikhetha esi sincoko kwaye bafumene amanqaku aphakathi kwama-33 ukuya kwangama -42.
- Bekulindeleke ukuba babonakalisa inzuzo eyenziwa ngumililo/ uncedo olwenziwa ngumililo okanye ilahleko eyenziwa ngumililo/ubungozi bomlilo okanye avelele amacala omabini.

#### 1.7. Isincoko esingomfanekiso

- Bakwazile ukuwutolika umfanekiso ngeendlela. Bebethetha ngemibhiyozo eyahlukileyo (imitshato / izikhumbuzo zokuzalwa/ amatheko gabalala)
- Abaviwa bazifumanela amanqaku aphakathi kuma -36 ukuya kwangama- 50.
- Bekulindeleke ntoni athethe nangantoni engqamene nolonwabo okanye umbhiyozo.

#### 1.8. Isincoko esingomfanekiso

- Ngomnye wemibuzo engakhethwanga ngabaviwa. Bambalwa kakhulu abawukhetheliyo lo mbuzo, bakwazile ukuwutolika ngokukoko umfanekiso bazifumanela amanqaku. Bafumene manqaku aphakathi kwama- 36- ukuya kuma-45

## **ICANDELO B**

### **2.1 ILETA ESESIKWENI**

- Lo mbuzo bawukhethe kakhulu lo mbuzo. Abafundi baye bazifumane amanqaku aphakathi kwe-15 ukuya ku-25.
- Abathe bafumana amanqaku aphezulu ngabo bayazileyo imigaqo engundoqo zeempawu zeleta esesikweni. Baphinda banika iingcebiso kulutsha ngeendlela zokuchitha isithukuthezi. Bambi baze neengcebiso zokuba ulutsha maluvolontiyi kumaziko karhulumente bancede uluntu/ bazivulele amashishini abo njalo njalo.
- Abo bathe bafumana amanqaku asezantsi ngabo basuke bacebisa urhulumente okanye umhleli ngezinto amabezenze kulutsha. Abanye bayasilela kakhulu kwifomathi yolu didi lomhlathi.

### **2.2. I-email**

- Bambalwa kakhulu abafundi abawuphenduleyo lo mbuzo kwaye abaqhubanga kakuhle nangona bekhona abo bawuchanileyo. Amanqaku wabo aqala kwi- 8- ukuya kuma - 22.
- Babhidwe kukutolika iAkrononim uFAMSA. Abanye bacinga ngabangcwabi okanye umbutho kamasingcwabane ngokwenza njalo bawulahle umxholo.

### **2.3. IRIVYU**

- Bambalwa kakhulu abafundi abawukhethileyo lo mbuzo babhidiwe yifomathi yokubhala irivyu. Baqhele ukubhala irivyu yencwadi okanye yefilimu.
- Abaviwa basuke bayisa kwisigxeko-ncwadi. Le nto iye yabanyibela amanqaku bafumana amanqaku asi-10 ukuya kwi -18.

### **2.4. Intetho**

- Lo mhlathi uthandiwe ngabafundi kwaye baqhube kakuhle kakhulu bazifumanela amanqaku aphezulu. Bakwazile ukuyiveza imithetho yesikolo emalunga nenweele bazivelisa iimbono zabafundi malunga nale mithetho. Abaviwa baye bafumana amanqaku ukuqala kwi- 8 ukuya kuma-24.
- Ikho imbinana engenzanga kakuhle abayivezi imithetho bengazivezi iimbono zabafundi basuke bathethe ngemithetho gabalala.

## 2.5 Ajenda nemizuzu

- Baliqoqobana abafundi abawukhethileyo lo mbuzo . Inkoliso ikwazile ukuwuphendula ngokukuko. Bayazazi iimpawu ezingundoqo zalo mhlathi. Ingongoma zeajenda bazidwelise kakuhle nemizuzu bayibhala belandela iingongoma zeAjenda. Babhale izigqibo okanye izindululo kuphela. Baye bafumana amanqaku ukusuka kwi-8 ukuya kwangama-24.
- Abasileleyo ngabo basuke babhala isimemo sentlanganiso/iajenda yodwa / okanye imizuzu kuphela.

## 2.6. Ingxoxo yababini

- Baninzi kakhulu abafundi abawukhethileyo lo mbuzo kwaye benze kakuhle kakhulu. Kwingxoxo yabo bokunakalisile ukulunga kokuxhoma izinto zakho kuamqonga onxibelelwano (bafumana uncedo/imisebenzi/ingcebiso/izihlobo nabahlobo) bakwazile nokubonakalisa ukungalungi kokuxhoma ubomi bakho kumaqonga onxibelelwano( ufumana iintshaba/ubalixhoba/ uba yintlekisangeenxaki akho njalonjalo) Baye bafumana amanqaku ukuqala kwi -10 ukuya kwangama- 24.
- Abasileleyo babhude ukwazi ukuxhoma izinto zakho kumaqonga onxibelelwano kanti nokuzixhoma uthathe ubomi babo bazibulale.

(a) **Why the question was poorly answered? Also provide specific examples, indicate common errors committed by learners in this question, and any misconceptions.**

- Ukungakwazi ukucazulula isihloko kuqondakale eyona ntsingiselo yaso kungumngeni Umzekelo 1.2 Mhle ngaphakathi nangaphandle lo mntu abafundi abaninzi baye bathetha ngobuhle bangaphakathi kuphela angabuvezi obangaphandle.
- Kwicandelo B inani elivisayo labafundi aluzazi iimpawu nezingundoqo zemihlathi. Ngenxa yeso sizathu baphulukane namanqaku. Kumbuzo 2.2 abafundi abayazanga iakrononim uFAMSA.
- Ukungawufundi ngokupheleleyo umbuzo kubachanile abaviwa. Umzekelo umbuzo 2.6 abafundi bathethe ngokuzixhoma oku kokuzibulala hayi oku kokuthetha okanye ukupapasha ngezinto ezichaphazela ubomi babo kumaqonga onxibelelwano.

(b) Provide suggestions for improvement in relation to Teaching and Learning
<ul style="list-style-type: none"> <li>Isakhono sokubhala nokunikezela masifundiswe ezikolweni kungapheleli ekulungiseleleni uSBA uhlolo lwaso olungekho sikweni lubonakale kwiincwadi zabafundi.</li> </ul>
<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukwabelana ngolwazi namava kootitshala ngokweengingqi nezithili kungaluncedo.</li> </ul>
<ul style="list-style-type: none"> <li>Ulwimi lohlolo mlufundiswe bathathe ingqalelo yokuba babhala into eza kufundwa ngubani.</li> </ul>
<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukuvuselela kweekomiti zolwimi lwesiXhosa kumanqanaba onke.</li> </ul>
<ul style="list-style-type: none"> <li>Abafundi mabacaciselelwe ngesixhobo esisetyenziswayo ukuvavanya iphepha lesithathu.</li> </ul>
<ul style="list-style-type: none"> <li>Ucweyo lohlolo lwezithili lungadla indima enkulu ekuphuculeni umgangatho lweziphumo kwiphepha lesithathu.</li> </ul>
<ul style="list-style-type: none"> <li>Abafundi abnikwa ithuba lokuba baphinde babhale mabanikwe uncedo ngokuvulelwa iindawo apho baza kufundiswa khona. Ukungafundiswa kwabo kubonakele kwiindlela abaphendule ngayo.</li> </ul>
<ul style="list-style-type: none"> <li>Makucelwe uncedo kwicandelo elijongene nabafundi abaneengxaki u-ESSS ukukhawulelana neengxaki zabafundi abangakwaziyo ukubhala.</li> </ul>

(c) Describe any other specific observations relating to responses of learners and comments that are useful to teachers, subject advisors, teacher development etc.
<ul style="list-style-type: none"> <li>Ootitshala abakorekishayo mabathi gqolo ukuncedisa kwizithili zabo ekuxhobiseni ngamava ootitshala abangakorekishiyo.</li> </ul>
<ul style="list-style-type: none"> <li>Kukhuthazwa ukuba abafundi mabahlale belolwa ngakumbi kwisakhono sokubhala nokunikezela.</li> </ul>
<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukulandelwa nokusetyenziswa kwe CAPS , ATP <b>KUNYE</b> noxwebhu lwemqathango yeemvavanyo (Examination guidelines zika-2021)</li> </ul>
<ul style="list-style-type: none"> <li>Abafundisi ntsapho abadinga ucweyo kwindlela yokusetyenziswa kwerubrikhi mabancediswe ngabacebisi besifundo isiXhosa.</li> </ul>
<ul style="list-style-type: none"> <li>lingxoxo mpikiswano, ukhuphisano kwintetho mlomo, ukulinganisa eqongeni makusoloko kukhuthazwe ukuncedisa abafundi ekuphuculeni ulwimi lwabo.</li> </ul>
<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukufuthelana nokwabalana ngolwazi phakathi kootitshala makukhuthazwe khon'ukuze luzokunceda abafundi ekuphuculeni umgangatho wolwimi lwesiXhosa.</li> </ul>



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NOVEMBA 2022

AMANQAKU: 100

IXESHA: Iiyure 3

Olu viwo lunamaphepha ama-5.



**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:  
  
ICANDELO A: Isincoko (50)  
ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)
2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala ICANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Kunyanzelekile ukuba ucwangcise (usebenzisa isazobe/iflowutshathi/amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngokucwangcisa PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.
6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kulo lonke uyilo ukuba uthe walwenza.
7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:  
  
ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-100  
ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-80 (2 x 40)
8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.





**ICANDELO A: IZINCOKO**


Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340–390.

**UMBUZO 1**

- 1.1 Obabulapho ubumnandi ... kanti liphupha. [50]
- 1.2 Mhle ngaphakathi nangaphandle lo mntu. [50]
- 1.3 Ubuhlobo benene bufuna kuqale wena ubengumhlobo. [50]
- 1.4 Alitshoni lingaphumi. [50]
- 1.5 Ixesha ngumaph'esehlutha. [50]
- 1.6 Umlilo uyinzuzo okanye uyilahleko. [50]

Qwalasela uze ukhethe ubemnye kwimifanekiso engezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo. Nombola impendulo yakho ngolu hlobo, (1.7 okanye 1.8).

1.7



[Ucatshulwe kwi-intanethi: [www.googlesearch.com](http://www.googlesearch.com)]

**[50]**

1.8



[Ucatshulwe kwi-intanethi: @minicheps]

[50]

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**



**ICANDELO B: IMIHLATHI**

Khetha imihlathi ibemiBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

**UMBUZO 2****2.1 ILETA ESESIKWENI**

Kuphume inqaku kwiphephandaba, 'Iizwi', ligxeka ulutsha ngokuchitha isithukuthezi ngeendlela ezingenambuyekezo. Bhala ileta eya kumhleli ucebise ulutsha ngeendlela ezincedayo zokuchitha isithukuthezi. [25]

**2.2 I-IMEYILE**

Iziko leFAMSA lipapashe umyalezo othi, 'Ndikhetha ukumamela ibali lakho kunokuya emngcwabeni wakho.'

Bhala i-imeyile eya kumhlobo wakho odinga uncedo, umkhuthaze ukuba andwendwele iziko leFAMSA. [25]

**2.3 IRIVYU**

Bhala irivyu yenkqubo yolutsha obuyimamele kunomathotholo. [25]

**2.4 INTETHO**

Bhala intetho oza kuyenza kwintlanganiso yabazali njengommeli wabafundi, uphalaza iimbono zabafundi malunga nemithetho elawula imbonakalo yeenwele esikolweni sakho. [25]

**2.5 I-AJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO**

Ungunobhala wekomiti yabahlali, bhala i-ajenda nemizuzu yentlanganiso ehlalele ukuhlangabezana neengxaki ezidalwa kukubakufutshane nezikolo kweendawo ezithengisa utywala. [25]

**2.6 INGXOXO YABABINI**

Bhala ingxoxo ephakathi kukaSivile omele imbono yokuba abantu mabayekwe bazixhome izinto ezingobomi babo kumaqonga onxibelelwano kunye noAsanda omele ukuba bangazixhomi. [25]

**AMANQAKU ECANDELO B: 50**  
**AMANQAKU EWONKE: 100**







# basic education

Department:  
Basic Education  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

## NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)


IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NOVEMBA 2022

SIKHOKELO SOKUMAKISHA

AMANQAKU: 100

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-17.

<p>Approved Internal Moderator NJABA XN 05/12/2022</p>	<p>DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION PRIVATE BAG X896, PRETORIA 0001 2022-12-05 APPROVED MARKING GUIDELINE PUBLIC EXAMINATION</p>	<p> P.P. Maqhude: External Moderator: 0 05/12/2022</p>
--	---	---

**IINKCUKACHA EZIYA KUBAMAKISHI**

Ekuhloleni umsebenzi wabaviwa, le miba ilandelayo, eminye yayo icatshulwe kwirubrikhi yokuhlola, mayithathelwe ingqalelo:

- Makubekho ubungqina bokucwangcisa, bokuhlaziya, bokuhlela nobokulungisa iziphene kumsebenzi aza kuwunikezela.
- Makayazi injongo, abantu ajolise kubo nomxholo – kwakunye nerejista, isimbo sokubhala nethoni.
- Ukusetyenziwa kolwimi, upelo neempawu zobhalo.
- Izakhi zolwimi zibandakanya ulwazi olunzulu ngolwimi.
- Ukhetho magama nokusetyenziswa kwezafobe.
- Ukubunjwa kwezivakalisi.
- Ukubhalwa kwemihlathi.
- Ukutolikwa kwesihloko esiza kuvezwa kumxholo ngokupheleleyo: Intshayelelo, ukukhuliswa kwezimvo nesiphelo.
- Nangona umviwa ekhuthazwa ukuba abhale inombolo nesihloko sombuza kuyacetyiswa ukuba othe waphazama akasibhala isihloko enombole ngokuchanekileyo anganyityelwa manqaku.
- Xa umviwa edlulisile kwinani lamagama amiselweyo kwimpendulo yakhe makanganyityelwa manqaku kuba irubrikhi sele iziqingqile izohlwayo.



Akuvumelekanga ukufotokopa esi sikhokelo sokumakisha

X.N.

Tyhila iphepha

PP

**IINGCEBISO NGENDLELA YOKUMAKISHA****ICANDELO A: ISINCOKO**

Jonga kwiCANDELO A: Irubrikhi yokuhlola isincoko ifumaneka kwiphepha le-14 ukuya kwele-15 lesi sikhokelo sokumakisha.

<b>IMIQATHANGO ESETYENZISELWA UVAVANYO</b>	
<b>IMIQATHANGO</b>	<b>AMANQAKU</b>
UMXHOLO NOCWANGCISO	30
ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA	15
ISAKHIWO	5
AMANQAKU EWONKE	50

**ICANDELO B: IMIHLATHI**

Jonga kwiCANDELO B: Irubrikhi yokuhlola imihlathi efumaneka kwiphepha le-16 lesi sikhokelo sokumakisha.

<b>IMIQATHANGO ESETYENZISELWA UVAVANYO</b>	
<b>IMIQATHANGO</b>	<b>AMANQAKU</b>
UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI	15
ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA	10
AMANQAKU EWONKE	25

1. Funda umhlathi wonke uze ugqibe ngenqanaba loMXHOLO, UCWANGCISO neFOMATHI.
2. Funda umhlathi kwakhona uze ukhethe inqanaba elichanekileyo loLWIMI, ISIMBO SOKUBHALA nokuHLELA.

**QAPHELA:**

- Iifomathi ezahlukeneyo zemihlathi/ezifundisiweyo ziyasetyenziswa. Oku kufuneka kuthatyathelwe ingqalelo xa kuhlolwa ifomathi.
- Nika amanqaku ngefomathi echanekileyo.
- Jonga uthungelwano lwezimvo kuko konke okubhaliweyo.

**QAPHELA:**

- Amanqaku anikwe ngezantsi kwisihloko ngasinye kwesi sikhokelo sokumakisha asetyenziswa kuphela njengesikhokelo kubamakishi.
- Makwamkelwe indlela umviwa ngamnye asitolike ngayo isihloko, nokuba iyohluka kumanqaku anikiweyo, okanye kwiimbono okanye iindlela asitolika ngayo ummakishi.

Akuvumelekanga ukufotokopa esi sikhokelo sokumakisha

Tyhila iphepha

X.N.



PP

**ICANDELO A: IZINCOKO**

Kulindeleke ukuba umviwa abhale isincoko esiNYE esinomthamo wamagama angama-340–390 ngesiNYE sezihloko ezinikiweyo. Umviwa angabhala naluphi na udidi lwesincoko: esibalisayo, esichazayo, esixoxayo, esivelela amacala amabini, esicamngcayo, okanye naziphi na ezidityanisiweyo kwezi ngesihloko asikhethileyo.

**IIMPAWU ZESINCOKO****Isincoko esibalisayo:**


- Makasebenzise ixesha eladlulayo/elidlulileyo/elimiyo.
- Sibhalwa kumntu wokuqala okanye owesithathu.
- Makabonise ulwazi ngesihloko asikhethileyo.
- Abalinganiswa, isimo sentlalo, izizathu zokuhla kwezehlo ukuya kwisiphelo, mazibonakale.
- Iziganeko zichazwe/zibaliswe ngokulandelelana kwazo okanye zicace kwazo ezingunobangela wezinye, kungenjalo angasebenzisa izixhobo ezifana nophuphelo okanye ukuqala ngesenzo esingekeli/sokugqibela.
- Sisebenzisa amagama abonisa ixesha afana noo-emva, phambi, ngeli xesha.
- Sisebenzisa intetho yababini/ukuzithethela kwabalinganiswa.
- Ulwimi olusetyenzisiweyo malube lolokudala ifuthe noluchukumisayo kofunda isincoko, lungekrwada phofu.

**Isincoko esichazayo:**

- Sinokubhalwa ngokwexesha elidlulileyo okanye elangoku.
- Sichaza into/umntu/indawo/imeko, njalo njalo.
- Sisebenzisa amagama okudala umfanekiso.
- Sisebenzisa izixhobo zokuchaza ezifana nezichazi, imifanekiso-ntelekelelo, izihlomelo, neziphuhliso ezifana nezifanekisozwi.
- Sisebenzisa imifanekiso-ntelekelelo nezafobe zentetho.
- Sivakalisa iimvakalelo zombhali.

**Isincoko esicamngcayo:**

- Siveza uvakalelo lombhali ngesigama esibonakalisa amava akhe.
- Siveza uchukumiseko ngomba ekubhalwa ngawo.
- Uvakalelo olungundoqo ludlala indima enkulu.
- Ubukhulu becala esi sincoko siyachaza. (Sisebenzisa izixhobo zokuchaza ezifana nezichazi, imifanekiso – ntelekelelo, izihlomelo, neziphuhliso ezifana nezifanekisozwi kwakunye nezafobe zentetho.)
- Uvakalelo lombhali maluveze ukunyaniseka kunye nokubandakanyeka.





**Isincoko esixoxayo:**

- Umviwa uthatha icala ngomba othile.
- Uthotho lweengxoxo – oludla ngokuba kwimo engengcaciso ngeengongoma ezithile.
- Ukubethelela – isishwankathelo nokuphindelela kwinkcazelo engoluvo oluthile lokuvula.
- Kwingxoxo yakhe unika ubungqina obuxhasayo obusenokuba ngamanani okanye ukucaphula kumava anawo ayinyani.
- Usenokuxoxela okuthile echasa enika ubungqina obuxhasayo.
- Isiphelo sisenokuba sisishwankathelo neengcebiso.

**Kwisincoko esivelela amacala omabini:**

- Inkcazelo engomba inokuba ngengxoxo ephambili.
- Umviwa uwaphatha omabini amacala engxoxo.
- Uxoxela okuthile enika ubungqina obuxhasayo.
- Unokulandela isakhiwo esithi umhlathi umela uluvo oluvumayo, kolandelayo, luchase, kungenjalo avume ekuqaleni komhlathi aze achase ekupheleni, kodwa makalunike olwakhe uluvo xa evala.
- Unokuxoxela okuthile echasa/evuma nokunika ubungqina obuyinyani obuxhasayo.
- Isiphelo – isishwankathelo neengcebiso.
- Makabonise ulwazi ngesihloko nangomba axoxa ngawo.

**UMBUZO 1**

Akuvumelekanga ukufotokopa esi sikhokelo sokumakisha

X.N.

Tyhila iphepha

PP

**1.1 Obabulapho ubumnandi ... kanti liphupha.**

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye.

Isincoko masicwangciswe ngokukuko.

Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/azixube iintsingiselo zempendulo.

Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.


**Umxholo:**

- Ingalibali elingephupha elinobumnandi obubalaseleyo elibandakanya umviwa.
- Angabhala ngephupha elingento ayiphumeleleyo emvisa kamnandi.
- Ingaliphupha ebelingombhiyozo.
- Ingaliphupha elineziganeko zeentsuku ezininzi.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

**Ulwimi:**

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

**[50]**

## 1.2 **Mhle ngaphakathi nangaphandle lo mntu.**

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye.

Isincoko masicwangciswe ngokukuko.

Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/azixube iintsingiselo zempendulo.

Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

### **Umxholo:**

- Angabhala ngobuhle ngezenzo ezihambelana nobuhle benkangeleko.
- Angabhala ngobubele obungazenzisiyo, ngezinwe kunye nobuhle benkangeleko.
- Angabhala ngothando olungazenzisiyo nobuhle benkangeleko.
- Angabhala ngobuntu obuhambelana nobuhle benkangeleko.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

### **Ulwimi:**

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

[50]

## 1.3 **Ubuhlobo benene bufuna kuqale wena ubengumhlobo.**

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye.

Isincoko masicwangciswe ngokukuko.

Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/azixube iintsingiselo zempendulo.

Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

### **Umxholo:**

- Angabhala ngeempawu ezilindelekileyo zobuhlobo benene.
- Angabhala ngezenzo zokunceda umhlobo kanti uza kufumana umhlobo wenene.
- Angabhala ngokuba awukwazi ukunikezela into ongenayo.
- Angabhala ngobuhlobo obuveza isandla esihlamba esinye.
- Angabhala ngokwenza komnye into ofuna ukuba yenziwe kuwe.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]


### **Ulwimi:**

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

[50]

Akuvumelekanga ukufotokopa esi sikhokelo sokumakisha

X.N.



Tyhila iphepha

PP

**1.4 Alitshoni lingaphumi.**

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye.

Isincoko masicwangciswe ngokukuko.

Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/azixube iintsingiselo zempendulo.

Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

**Umxholo:**

- Ingalibali lemini enye/leemini eziliqela/isiganeko/iziganeko/imeko yokulahlekelwa lithemba kodwa kugqibele ngempumelelo.
- Angabhala ngobubi obebuyincindi yekhala baze bajika bayincindi yobusi.
- Kungangemeko eqale kakubi kodwa iphele sele intle.
- Angabhala ngokuba akukho ngxaki ingenasisombululo.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

**Ulwimi:**

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

**[50]****1.5 Ixesha ngumaph'esehlutha.**

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye.

Isincoko masicwangciswe ngokukuko.

Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/azixube iintsingiselo zempendulo.

Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

**Umxholo:**

- Angabhala ngokuba ixesha liyakunika amathuba likwawoxutha.
- Angabhala ngokusebenzisa ixesha ngokulungileyo nokulimoshisa.
- Angabhala ngemingeni ogaxeleka kuyo ekhokelela ukuba ungazuzi nto.
- Uluvo/iingcebiso ngokuphucula ukusebenzisa ixesha.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]


**Ulwimi:**

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

**[50]**

Akuvumelekanga ukufotokopa esi sikhokelo sokumakisha

X.N.



Tyhila iphepha

PP

### 1.6 Umlilo uyinzuzo okanye uyilahleko.

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye.

Isincoko masicwangciswe ngokukuko.

Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/azixube iintsingiselo zempendulo.

Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

#### Umxholo:

- Angabhala ngoncedo lomlilo/ukubaluleka kwawo.
- Angabhala ngeengxaki eziza nomlilo nezisombululo.
- Angabhala ngenzuzo/ ilahleko ngokweendidi zemililo nemisebenzi yazo.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

#### Ulwimi:

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

[50]

### 1.7 Umviwa makanike isihloko esifanelekileyo.

Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye.

Isincoko masicwangciswe ngokukuko.

Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/azixube iintsingiselo zempendulo.

Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.

#### Umxholo:


- Ingalibali lemini enye/isiganeko/imeko yolonwabo/umbhiyozo.
- Angabhala ngomhla wokuzalwa/umtshato/impumelelo.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

#### Ulwimi:

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

[50]



- 1.8 Umviwa makanike isihloko esifanelekileyo.  
Isincoko singabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala omabini/xoxela icala elinye.  
Isincoko masicwangciswe ngokukuko.  
Impendulo isenokuba kwinqanaba lentsingiselo yentsusa/efihlakeleyo/azixube iintsingiselo zempendulo.  
Imo efanelekileyo: intshayelelo, isiqu nesiphelo.


**Umxholo:**

- Angabhala ngokuthelekisa/ukuthelekiswa komntu ofika esikhundleni nomntu obenempumelelo kwisikhundla eso.
- Angabhala ngamava omntu ongene endaweni yomntu obesenza kakuhle.
- Angahlomla ngeempawu ezibalaseleyo zomntu obekwisikhundla ekungene kuso omnye.
- Ungangomntu ongena esikhundleni esingaphezu kwamandla akhe.

[Nawuphi na umxholo ohambelana nesihloko uya kwamkelwa.]

**Ulwimi:**

Ulwimi maluhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.

**[50]****AMANQAKU ECANDELO A:****50**

**ICANDELO B: IMIHLATHI****UMBUZO 2**


Kulindleke ukuba umviwa abhale imihlathi emiBINI kule ibuziweyo. Ubude beempendulo mabube li-100–120 amagama umxholo kuphela. Ulwimi, irejista, isimbo sokubhala nethoni mayifanelane nenjongo yobhalo.

**2.1 ILETA ESESIKWENI****Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]**

- lidilesi zimbini zibhalwa kwicala lasekhohlo zombini, eyombhali weleta ilandelwe yeyomhleli.
- Igama lesitalato, ilokishi nedolophu zibhalwa ngokupheleleyo. (azisetyenziswa izifinyezl).
- Kulandela umcimbi.
- Isibuliso – akunyanzelekanga ukuba umbize ngegama umhleli kwamkelekile ukusebenzisa uMhlekazi/Nkosazana/Nkosikazi.
- Isakhiwo siquka intshayelelo, isiqu nesiphelo.
- Ileta imalunga neendlela ezinembuyekezo olunokuchitha ngazo isithukuthezi ulutsha.
- Umhlathi wokuqala mawunike intsusa nezizathu zokubhala.
- Umhlathi olandelayo ukhulisa umxholo.
- Umhlathi wokugqibela unamazwi okuqukumbela neengcebiso kwiingxaki.
- Isiphelo sibeseleleta esesikweni size silandelwe yifani noonobumba-magama ombhali.
- Kubhalwe indawo nomhla.
- Izingxi azisetyenziswa kwidilesi, isibuliso nesiphelo.

**Ulwimi isimbo sokubhala nokuhlela:[10]**

- Ithoni nerejista isesikweni.
- Ulwimi malube lolusesikweni, luvakale, lusulungeke.
- Ubhalo maluvakale, luyondelelane, lucace lube semxholweni.

**[25]**

## 2.2 I-IMEYILE

### Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]

- Kunyanzelekile ivele idilesi yombhalelwa ibe neempawu zejelo alisebenzisayo.
- Kolandelayo umgca kukho imigcana/imiqolwana equlethe isizathu sokubhalwa kwe-imeyile/umongo wayo ngokufutshane.
- Inesibuliso esidiza ukuba kubhalelwa umhlobo.
- Umxholo ungokukhuthaza umhlobo ukuba andwendwele iziko elipapashe umbhalo othi, 'Ndikhetha ukumamela ibali lakho kunokuya emngcwabeni wakho.'
- Makusetyenziswe isimbo neefonti ezifundeka lula.
- Mayingabhalwa ngoonobumba abakhulu bodwa, iifonti mazingaxutywa, makusetyenziswe uhlobo olunye.
- Mayibhalwe ngemibala engaphandliyo okanye engacimelanga kodwa eyenza kubelula ukufunda.
- Isiphelo masibonise ubuhlobo – Umhlobo wakho negama.
- Izingxi azisetyenziswa kwidilesi, isibuliso nesiphelo

### Ulwimi/isimbo sokubhala nokuhlela [10]

- Kusetyenziswe irejista engekho sesikweni nolwimi olungandilisekanga.

[25]

## 2.3 IRIVYU

### Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]

- Mayibe ngenkqubo yolutsha umviwa ebeyimamele kunomathotholo.
- Mayiveze iimpawu zayo eziphambili.
- Mayivakalise izimvo neemvakalelo zomviwa ngenkqubo yolutsha leyo.
- Mayithelekiswe nezinye iinkqubo zolutsha.
- Mayiveze okuyinyani ingabaxi, okubi nokuhle ngendlela ehloniphayo nenika isidima.
- Mayitsale umdla woyifundayo.
- Mayiquke ulwazi ekungenakubalula ukulufumana kweminye imithombo ngale nkqubo.
- Mayibhalwe ngokucacileyo, ingqale ukuze inike isigxeko ncomo ngenkqubo ebeyimamele.
- Mayiveze ukunyaniseka, ukuyazi kakhulu le nto kuthethwa ngayo kule nkqubo.
- Mayibalule ukuba ngoobani abantu abafanele ukumamela le nkqubo nezizathu zoko.
- Uvumelekile umbhali ukuba acaphule nalapha kumxholo wenkqubo eyona nto inokwenza umtsalane kubantu.
- Kwisiphelo makuvele umyalezo/imfundiso enikwa ngumbhali ngale nkqubo.

Akuvumelekanga ukufotokopa esi sikhokelo sokumakisha

X.N.



Tyhila iphepha

PP



**Ulwimi/isimbo sokubhala nokuhlela [10]**

- Makusetyenziswe ulwimi nethoni ngokwerivyu le ibhaliweyo.
- Kubhalwe ngezivakalisi ezipheleleyo.
- Makusetyenziswe isigama sokuchaza esizoba imeko/oko kuthethwa ngako kucace.
- Makusetyenziswe ulwimi olusesikweni.
- Makusetyenziswe amagama namabinzana abhekise kwimeko (enjengobugcisa) izindululo, izalathisi nezihlomelelo.

**[25]****2.4 INTETHO****Ifomathi, ucwangciso nomxholo: [15]**

- Mayibe nesihloko aza kuthetha phantsi kwaso.
- Mayahlulwe ibenentshayeleyo, isiqu nesiphelo.
- Intshayeleyo mayithengise iingcamango (iimbono zabafundi ngomba wemithetho elawula imbonakalo yeenwele esikolweni sakhe) kwabaza kuyiphulaphula.
- Mayitsale umdla wabaphulaphuli (Umviwa angenza ibalana/umzekeliso/umzekelo ozalana nentetho le aza kuyenza).
- Mayikhankanye iingongoma aza kucangcatha kuzo. (Mazibe zezisukela kwisihloko sentetho/kwingcamango ephambili yentetho).
- Mayinxibelelane/inxulumane nabaphulaphuleyo (unokuthetha ngamava/ngemeko/ngesimo esaziwa ngumntu wonke, kwabo baphulaphuleyo).
- Isiqu sentetho siquka iingongoma eziphambili zomyalezo ebezikhankanyiwe xa bekusenziwa intshayeleyo.
- Mayigxininise ngokumana iphindaphinda ingongoma ebalulekileyo phambi kokuba igqithele kwelandelayo aza kuthetha ngayo umviwa.
- Kunokusetyenziswa amabalana ahlekisayo amafutshane/iintetho ezihlekisayo ukugxininisa oko kuthethwayo ngendlela egcina abantu benomdla.
- Isiphelo masishwankathele iingongoma eziphambili ezibubethelela ukuze abaphulaphuli bahlale bezikhumbula.
- Mayibe nophawu olubonisa ukuba iyaphela, ifikelele esiphelweni. Umzekelo amagama anjengo-'elokugqiba''ndivala ngelithi ...'

**Ulwimi isimbo sokubhala nokuhlela: [10]**

- Irejista indilisekile kuba yenzelwa abantu abangasondelanga kulo uyinikezelayo ngoko ke nesigama sibonisa undilliseko.
- Kwakhona, irejista, ithoni nesigama sihambelana nendawo intetho eyenziwa kuyo kunye nodidi lwabantu eyenzelwa bona/abaphulaphuleyo.

**[25]**

Akuvumelekanga ukufotokopa esi sikhokelo sokumakisha

X.N.



Tyhila iphepha

PP

**2.5 I-AJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO****Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]**

- Kwi-Ajenda makuvele igama lekomiti yabahlali, umhla wentlanganiso, indawo, amaxesha neengongoma ze-ajenda.
- Imizuzu mayibhalwe ilandele iingongoma ze-ajenda.
- Imibandela ekuza kuxoxwa ngayo mayinonjolwe
- Makudweliswe amagama abantu abakhoyo kwintlanganiso namagama abantu abangxengxezileyo.
- Makuvele kuphela izigqibo ezithatyathwe kwintlanganiso ngokwesihloko.
- Kuvumelekile ukuba kusetyenziswe amagama athi, 'Kugqitywe ekubeni ...'
- Makusetyenziswe izenzi ezikwixesha elidlulileyo.
- Makubhalwe isaziso sentlanganiso eza kulandela.
- Makuvele ixesha ephume ngalo intlanganiso.
- Makubhalwe umqulunqi wemizuzu ongunobhala wekomiti yabahlali.
- Umhla ekuqulunqwe ngayo le mizuzu mayibhalwe.

**Ulwimi/isimbo sokubhala nokuhlela [10]**

- Ulwimi olundilisekileyo.
- Amagama afana no'kugqitywe'.
- Kusetyenziswa ixesha elidlulileyo.

**[25]****2.6 INGXOXO YABABINI****Ifomathi, ucwangciso nomxholo [15]**

- Intshayelelo mayibhalwe kwizibiyeli (izalathisi zeqonga) umzekelo: indawo, ixesha izithethi nombaba ekuxoxwa ngawo. Abathabathi-nxaxheba bayabulisana kodwa bangabheki phambili kakhulu ngomba wempilo.
- Kwisiqumayibhalwe kusetyenziswa intetho-ngqo ngaphandle kweempawu zocaphulo.
- Isithethi masibhalwe ngasekhohlo ephepheni, ze silandelwe yikholon [:]
- Makushiywe umgca ongabhalwanga phakathi kwezithethi.
- Ingcaciso engenye mayibhalwe kwizibiyeli ( ). Umzekelo ingcaciso ebonisa intshukumo, iimvakalelo neemeko abakuzo aba bathethayo (umzekelo: ehleka).
- Mayingafikeleli esiphelweni ingakhange ifezekise injongo yengxoxo ngeembono zokuyekwa kwabantu bazixhome izinto ezingobomi babo kumaqonga onxibelelwano nokungazixhomi.
- Kwisiphelo ingxoxo mayisongwe ngokuba ifikelele esiphelweni.
- Mazivalelisane izithethi iseso sinelizwi lokubulela kuba ngabantu abaqheleneyo nabasondeleleneyo banokuphela ngendlela ebonisa oko.


**Ulwimi/isimbo sokubhala nokuhlela[10]**

- Ithoni nerejista esesikweni ukuya kwengekho sikweni.
- Kuthethwa kwixesha langoku ze kusetyenziswe elidlulileyo/eladlulayo xa kubhekiswa kwisiganeko esithile.

**[25]****AMANQAKU ECANDELO B: 50****AMANQAKU EWONKE: 100**

Akuvumelekanga ukufotokopa esi sikhokelo sokumakisha

X.N.



ihlala iphepha


PP

## NSC – Isikhokelo Sokumakisha


**ICANDELO A: IZINCOKO – AMANQAKU**

- Sebenzisa le rubrikhi rhoqo xa umakisha izincoko (Zephepha lesi-3, Icandelo A)
- Amanqaku ukusukela kweli-0 ukuya kwangama-50 ahlula-hluwe ngokwamanqanaba amahlanu.
- Imigangatho yomxholo, ulwimi nesimbo, inqanaba ngalinye kula mahlanu lahlula-hluwe kubini, kwakho amanqaku abelwe abo banezincono ezikwinqwanqwa eliphakamileyo nezo zikwinqwanqwa elingezantsi kwinqanaba ngalinye.
- Isakhiwo asichatshazelwa kukwahlulwa ngokwinqwanqwa eliphezulu nelisezantsi.

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
<b>UMXHOLO NOCWANGCISO</b>  <b>(Impendulo nezimvo)</b> Uyondelelwaniso lwezimvo ngokucwangcisa Ukuqonda injongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nesimo sentlalo	<b>28–30</b> -Impendulo igqwesile/ inomtsalane, ngaphezu koko bekulindlelekile. -Izimvo eziqiqiswiweyo, ezixhokoxa iingcinga nezivuthiweyo. -Impendulo elungelelaniswe kakuhle ngokugqwesileyo enothungelwano (enonamathelwano) ukuquka intshayelelo, isiqu, ukuqukumbela/nesiphelo.	<b>22–24</b> -Impendulo ixongxwe ngobugcisa. -Izimvo zihambelana gcingi nomxholo kwaye zinomdla zinobungqina bokuvuthwa. -Ilungelelaniswe kakuhle kakhulu kwaye iyathungelana (inonamathelwano) ukuquka intshayelelo, isiqu ukuqukumbela/nesiphelo.	<b>16–18</b> -Impendulo iyanelisa. -Izimvo ziyathungelana noko ziyaqinisekisa ngokusemholweni. -Ilungelelaniswe noko kwaye iyathungelana kuquka intshayelelo, isiqu ukuqukumbela/nesiphelo.	<b>10–12</b> -Impendulo ayinaluthungelwano Lungqinelanayo. -Izimvo azicacanga kwaye ayizizo ezomfundi. -Buncinci ubungqina bolungelelwaniso nothungelwano lweengcamango.	<b>4–6</b> -Impendulo ayihambelani nomxholo kwaphela. -Izimvo ziyabhidisa kwaye azingqamananga kwaphela nomxholo. -Azicacanga kwaye ziphindaphindiwe. -Azilungelelaniswanga kwaye azithungelani.
	<b>25–27</b> -Impendulo egqwesileyo kodwa ineendawana esilela kuzo ukuba neempawu ezinomtsalane ogqwesileyo wesincoko esinkqenqeza phambili. -Izimvo ezivuthiweyo neziqiqiswiweyo. -Izimvo zilungelelaniswe ngobugcisa. zinothungelwano (zinonamathelwano) kuquka intshayelelo, isiqu kunye nesiphelo.	<b>19–21</b> -Impendulo ixongxwe kakuhle. -Izimvo ziyahambelana zinomdla. -Ilungelelaniswe kakuhle iyathungelana (inonamathelwano) kuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo.	<b>13–15</b> -Impendulo eyanelisayo nangona kumana kubakho izikhewu kwingcaciso. -Izimvo ziyanamathelana ngokwanelisayo kwaye ziyaqinisekisa. -Kukho ulungelelwaniso olufumanekayo nothungelwano kwintshayelelo, isiqu nesiphelo.	<b>7–9</b> -Ubukhulu becala impendulo ayihambelani nomxholo. -Izimvo zibonakalisa ukungahlangani nokubhidisa. -Phantse bungabikho ubungqina bolungelelwaniso nothungelwano.	<b>0–3</b> -Akukho linge lokuphendula isihloko. -Ayihambelani kwaphela nomxholo kwaye ayifanelekanga. -Ayingqamananga nomxholo kwaphela kwaye inobubhutyu-bhutyu.
<b>30 AMANQAKU</b>  <b>Inqwanqwa elingezantsi!</b>					



ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA	14-15	11-12	8-9	5-6	0-3
<p>Iinganzantsi</p> <p>Inqwanqwa eliphakamileyo</p> <p><b>15 AMANQAKU</b></p>	<p>-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifaneleke kakhulu kwirjongo, abantu ekujoliswe kubo nakwisimo sentlalo.</p> <p>-Ulwimi lusetyenziswe ngokuzithemba, luyachukumisa ngokugqwesileyo.</p> <p>-Ithoni edlwengula umxhelo nenobuciko.</p> <p>-Phantse kungabikho nasinye isiphene segramu nopo.</p> <p>-Sixongxwe ngobugcisa obukhulu.</p>	<p>-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala kunye nesigama zizaqambe kakhulu kwirjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo.</p> <p>-Ulwimi lusetyenziswe kwaye lusetyenziswe ngokufanelekileyo nangokuzinzileyo kwisincoko siphela.</p> <p>-Ubukhulu becala akukho ziphene kwigramu nopo.</p> <p>-Sixongxwe kakuhle kakhulu.</p>	<p>-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama zifanelekile kwirjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo.</p> <p>-Ulwimi lusetyenziswe ngokufanelekileyo ukudlulisa umyalezo.</p> <p>-Ithoni ifanelekile.</p> <p>-Izixhobo zolwimi zisetyenzisiwe ukuphuhlisa nokuphucula umxholo.</p>	<p>-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama azihambelani nenjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo.</p> <p>-Ulwimi lusetyenziswa ngendlela ebutshatsha.</p> <p>-Ithoni nochongo magama azifanelekanga.</p> <p>-Isigama sinqongophele kakhulu.</p>	<p>-Ulwimi alunantsingiselo.</p> <p>-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala nesigama azihambelani mpela nenjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo.</p> <p>-Ukusetyenziswa kwesigama kunqongophele ngokubaxekileyo de ungakwazi ukuqonda okubhaliweyo.</p>
<p>Iinganzantsi</p> <p>Inqwanqwa</p> <p><b>5 ISAKHIWO</b></p>	<p><b>13</b></p> <p>-Ulwimi lugqwesile kwaye kusetyenziswe izixhobo zolwimi ezibonakalisa ubuciko ngokufanelekileyo.</p> <p>-Phantse kungabikho nasinye isiphene segramu nopo.</p> <p>-Sixongxwe ngobugcisa.</p>	<p><b>10</b></p> <p>-Ulwimi luyakuthimba kwaye ubukhulu becala luchanekile.</p> <p>-Ithoni iqaqambile kwaye ichanekile.</p> <p>-Zimbalwa iziphene zegramu nopo.</p> <p>-Sixongxwe kakuhle.</p>	<p><b>7</b></p> <p>-Ukusetyenziswa kolwimi ngokwanelisoyo kodwa kusekho ukungangqinelani apha naphaya.</p> <p>-Ubukhulu becala ithoni ifanelekile kodwa usetyenziso zixhobo zolwimi lungqongophele.</p>	<p><b>4</b></p> <p>-Ukusetyenziswa kolwimi ngokufanelekanga.</p> <p>-Kuncinci okanye akukho ukohluka –</p> <p>hiukana kwezivakalisi.</p> <p>-Isigama sinqongophele ngokugqithisileyo.</p>	<p><b>0-1</b></p> <p>-Amanqaku asemxholweni awakho.</p> <p>-Ulwakhiwo lwezivakalisi nemihlathi lunobubhutyu-bhutyu.</p> <p>-Isincoko siphume kwaphela emxholweni.</p>
<p><b>5 AMANQAKU</b></p>	<p><b>5</b></p> <p>-Isihloko sikhuliswe ngokugqwesileyo.</p> <p>-Linkcukacha ezigqwesileyo.</p> <p>-Izivakalisi, imihlathi zakhiwe ngokugqwesileyo.</p>	<p><b>4</b></p> <p>-linkcukacha zakhiwe ngokulandelelana nangokugqisisiweyo.</p> <p>-Ziyathungelana.</p> <p>-Ulwakhiwo kwezivakalisi nemihlathi kuyahambelana, kwahluka-hlukene.</p>	<p><b>3</b></p> <p>-Ukuphuhliswa kweenkcukacha ngokusemxelelweni.</p> <p>-Izivakalisi, imihlathi zakhiwe kakuhle.</p> <p>-Isincoko sisesemxholweni.</p>	<p><b>2</b></p> <p>-Kukho amanqaku asemxholweni.</p> <p>-Izivakalisi nemihlathi zineemposiso.</p> <p>-Isincoko sisesemxholweni nangona zisekhona iziphene.</p>	<p><b>0-1</b></p>



**ISIHLOMELELO B: IRUBRIKHI YOKUHLOLA IMIHLATHI ULWIMI LWASEKHAYA [25 AMANQAKU]**

<b>Imiqathango</b>	<b>Egqwesileyo</b>	<b>Esemagqabini neqaqambileyo</b>	<b>Eyanelisayo nefanelekileyo</b>	<b>Eyinxalenye</b>	<b>Engaphumelelanga</b>
<b>UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI</b>	<b>13–15</b>	<b>10–12</b>	<b>7–9</b>	<b>4–6</b>	<b>0–3</b>
-Impendulo nezimvo. -Ulungelwaniso lwezimvo. -Injongo, abantu ekujoliswe kubo, iimpawu/imigaqo nesimo sentlalo.	-Impendulo igqwesile ngaphezu koko bekulindlekile. -Lizimvo eziqisisiweyo nezivuthiweyo. -Ulwazi olunzulu ngeempawu zohlobo lomhlati obhaliweyo. -Ubhalo lusemxeholweni ncakasana. -Ukuthungelana komxholo nezimvo. -Icaciswe nzulu kwaye zonke iinkcukacha ziyasixhasa isihloko. -Ifomathi yamkelekile kwaye ichanekile.	-Impendulo esemagqabini ebonisa ulwazi olululo ngeempawu zodidi lomhlati. -Ubhalo lusemxeholweni. -Ukuthungelana komxholo nezimvo, kucaciswe kakuhle kakhulu kwaye neenkukacha zixhasa isihloko. -Ifomathi efanelekileyo eneziphene ezingephi.	-Impendulo eyanelisayo ebonisa ulwazi ngeempawu zodidi lomhlati. -Ayikho mxholweni. -Ngokupheleleyo. -Kukho ukuphambuka okungephi emxeholweni. -Ubukhulu becala uyathungelana umxholo nezimvo. -Ezinye iinkcukacha ziyasixhasa isihloko. -Ubukhulu becala ifomathi ifanelekile kodwa kukho iziphene ezingephi.	-Kubonakala ubunzima malunga nolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi. -Kukho ukungqamana okungephi okusemxeholweni kodwa kukho ukuphambuka kubhalo. -Akusoloko kukho uthungelwano phakathi komxholo nezimvo. -Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko. -Imigaqo eyimfuneko yefomathi isetyenziswe ngokungacacanga. -Imigaqo engundoqo yefomathi yetekisi ityeshelwe.	-Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi ngeempawu zodidi lomhlati. -Intsingiselo ilahlekile kwaye akakho mxholweni kwaphela. -Ayithungelani kumxholo nezimvo. -Zimbalwa kakhulu iinkcukacha ezixhasa isihloko. -Ayisetyenziswanga imigaqo eyimfuneko yefomathi.
<b>15 AMANQAKU</b>	<b>9–10</b>	<b>7–8</b>	<b>5–6</b>	<b>3–4</b>	<b>0–2</b>
<b>ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHELELA</b>	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama ngokukodwa kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo nakwisimo sentlalo. -Ulwimi lusetenziswe ngokuchanekileyo kwaye lwakhiwe ngokukuko. -Phantse kungabikho nasinye isiphene segramma nopelo.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifaneleke kakhulu kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nakwisimo sentlalo. -Ubukhulu becala ulwimi lusetenziswe ngokukuko nangokuchanekileyo -Isigama sichanekile kakuhle. -Ubukhulu becala akukho ziphene.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama zifanelekile kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nesimo sentlalo. -Kukho iziphene ezimbalwa zolwimi. -kukho isigama esaneleyo. -Iziphene aziyichaphazeli intsingiselo.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama asifanelekanga ngokupheleleyo kwinjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nesimo sentlalo. -Ukusetenziswa kolwimi ngokungachanekanga kubangela iziphene ezibaxekileyo. -Intsingiselo ilahlekile.	-Ithoni, irejista, isimbo sokubhala, isigama asihambelani nenjongo, abantu ekujoliswe kubo nesimo sentlalo. -izele ziziphene yaye iyabhidisa. -Isigama asihambelani nenjongo. -Intsingiselo ichaphazeleke ngokukodwa.
<b>10 AMANQAKU</b>					

